

Rent Strike South Africa Call isiXhosa

Ugwayimbo lwe rente yincoko eqhubekayo engokuba abantu bangazigcina njani bekhuselekile, benophahla phezu kwentloko zabo, yaye be nento yokutya kwezinyanga zizayo.

Intsusa yoligwayimbo ilula: ukuba asikwazi ukuya emisebenzini, asikwazi ukubhatala irente. Kunokuba uzimele wedwa unexhala lokuba uyibhatala njani irente kwaye uzigcine unento yokutya, abantu banako ukubumbana baxhasane bathathele ubomi babo ezandleni zabo ngokugcina imali yabo yerente. Ngoba nokuba elixesha lokuzigcina eluvalelelweni lungapheliswa emva kweziveki zintlanu, uhambo lwethu luyakuthinteleka kakhulu. Ubomi bethu abuzukubuyela esiqhelweni ngokukhawuleza, kwaye abona bantu basesichengeni kweli lizwe lethu linokungalingani ngokwezimali ngabona baza kuchaphazeleka. Ukuba imali yakho yerente uyayigcina namhlanje, ungakwazi ukuthenga ukutya ngomso into leyo ubungenokwazi ukuyenza ukuba ubuyibhatala imali yerente. Leyo yenye yezinto ezinkulu ukuqinisekisa ukuba uyakuba nayo imali yokuthenga ukutya phambili, ukuba ubunayo imali kwasekuqaleni. Urhulumente unayo imali ayinika abantu, kodwa ayanelanga, ayithembakalanga, kwaye ulawulo lwayo lugwenxe, ke ngoku siyazibuza: zeziphi iindlela esinokuqinisekisa ngazo ukuba sikhuselekile sonke?

Kodwa ugwayimbo lwerente ayisisombululo yaso yonke imicimbi. Nokuba sigxininisa ukuba ubudlelwane phakathi ko mnini-mhlaba kunye nomnxusi bunengcinezelo, siyaqonda ukuba abanye abantu banobomi obuxakekileyo, siyaqonda ukuba kukho amaxa apho kungakhuseleka yaye kube lula ukuba umntu abhatala irente xa enako. Simema wonke ubani osexhaleni lokubhatala irente ukuba athathe inxaxeba yaye athathe izigqibo ezimlungeleyo, ngokuba umntu ngamnye nguye onolwazi olupheleleyo ngobakhe ubomi. Ngolugwayimbo lwerente izinto ezibalulekileyo kukuba kungabikho mnxusi ukhutshelwa ngaphandle yaye kungabikho bani ophathwa yindlala. Ngapha koko, olugwayimbo lwe rente luzama ukungenelela kwincoko ebanzi elwa nabo basemagunyeni kunye nongxowankulu enjongo zayo ikukuba sonke sifumane izidingo zethu kwaye siphile ubomi obusilingeleyo. Umzekelo, sixhasa bazithathela umhlaba ongasetyenziswanga, yaye sesiqalisile ukuba bandakanya kwincoko zethu. Singathanda ukwenza ngaphezu koku kodwa asikabinamandla.

Ngenyanga kaApril umyinge ongama shumi amathathu anesibini wepercenti zabanxusi beli lo Mzantsi Afrika abakwazanga ukubhatala irente yabo ngokupheleleyo. Amakhulu amawaka abantu asesechengeni sokungakwazi ukuhlawula irente kwinyanga kaMay, yaye elonani liza kongezeleka ngoJune nakwiinyanga ezilandelayo. Iqela logwayimbo lwe rente lusekelwe kumbono wokuba xa sibumbene sonke nga lo nto, siyakukhuseleka sonke ngoku nakwi lixa elizayo. Injongo yethu ayijonganga kwinyanga kaMay kuphela kodwa inyanga kaMay sisiqalo.

Ugwayimbo lwe rente yaseSouth Africa aluphelelanga ekubeni lugwayimbo lwe rente kuphela, luquka iinzame zokufaka izicelo kurhulumente ukuba anyanzelise umiso lokubhatalwa kwe rente kunye nokukhutshwa kwaba nxusi ngelixesha lwesisifo. Kwaye lukwa faka nezicelo kwiibhanka nakurhulumente ukuba kumiswe ukutsalwa kwemali ye bondhi ngaphandle kokongezwa kwe nzala ngelixesha lesisifo, kwaye ikwa sisicelo kurhulumente ukuba ahlise amaxabiso kunye nerhafu. Lena yinqubo enengcinga ezininzi

enjongo yazo ikukujonganga neenkalo zonke zobumbano. Kubalulekile ukuba lowo ofuna ukuzibandakanya nathi enze njalo ngokuba sijongile nje akho bani osijongileyo.

Zininzi izinto esesinzile ekugayeni inkxaso kumlo wolugwayimbo lwe rente, siye sabona ke ukuba lonto inike abantu iingcinga zokuba sineenjongo eziqingqiweyo ezingavumeli mbono zintsha. Eneneni sichithe ixesha elininzi sizama ukusondela kumaqela ngamaqela sizama ukuva iingcebiso ezimalunga nalemibandela. Sakhe nobuhlobo kunye nabantu abaseke ugwayimbo lwe rente kwamanye amazwe, yaye siyafunda kubo nangona siyiqonda ukuba iimeko zamazwe azifani ncakasane.

Ezi zilandelayo zizinto esele sizenzile ukulungiselela olugwayimbo lwe rente:

Siqhagamshelene namaqela ezobulungisa bamakhaya (housing justice groups) ngenzame zokwakha ubudlelwane kunye nentsebenziswano kuba sikholelwa ekubeni elifuthe alinakuba nanqubela ngaphandle kwenkxaso yamaqela afana nala. Siqhagamshelene namaqela obulungisa bokuhlala (social justice organizations) asithembise nge nkxaso kunye ne zixhobo. Siqhagamshelene namagqwetha kunye nabantu abamele izindlu ukuba bazimanye nathi.

Siseke amaqumrhu kwikhasi lika WhatsApp, ku Facebook(apho abantu bakwazi khona ukuthetha ngembono zabo kunye nengxaki zabo bancedwe yaye baxhaswe),siseke iphepha lika Facebook, sinalo nekhasi lika Twitter kunye nelika Instagram, yaye siseke ne website (rentstrikesouthafrica.org). Sesihambele mgama ngenzame ezininzi, kwaye sikhupha ingcombolo efundisa abantu zixhobise malunga nezo Mthetho kunye nezinye indlela zokubhatala i rente okanye ukungayibhatali.

Sesibonile kubantu abaninzi ukuba abaninimhlaba abakukhathalelanga ukuba nentliziyo entle kule meko sijongene nayo. Njengo rhulumente, asikholelwa ukuba abantu abasesichengeni bangathembela ngaba ninimhlaba kuba benzele abankxusi inceba. Xa sidibene ngokunga bhatali rente kwaye sibumbane kwiindawo esihlala kuzo okanye ngokwe manyano zabankxusi yenye yendlela yokuphepha ukuthembela nokuxhomekeka kububele babo basiphetheyo.

Abantu bonke kunye namaqumrhu amkelekile ukuzibandakanya nolugwayimbo lwe rente nangeyiphi nah indlela. Njengo kuba sesitshilo, samkela intshukumo enenjongo ezininzi, yaye umsebenzi wogwayimbo lwe rente lusebenza ekufakeni uxinizelelo kurhulumente ukuba avumele izicelo zethu. Wamkelekile ukuqhangamshelana nathi malunga nendlela yokuzibandakanya nathi.

Amaqumrhu esisebenzisana ngawo aquka

- Eyokubumbana kwabahlali namaqumrhu abanxusi
- Eyokusebenzisa iSocial Media
- Eyokukhoda iWebsite
- Eyokusebenzisana kunye nonomathotholo, omabonakude kunye namaphepha ndaba
- Eyokuyilwa kunye nokuvelisa umxholo
- Eyokwenza izicelo

Sikwiphulo lokuseka ejongene nomba wesiqabu kubhatalo lwebondhi kunye noncedo lwezomthetho, sikwanalo nequmrhu olujongene nengingqi yaseBhayi (PE)

Zininzi iindlela amaqumrhu kunye nabantu abanoncedisa ngazo. Sidinga iingqondo kunye nobuchule benu, kunye nokubumbana kwabahlali, sidinga nenkathalo yenu kunye nokubonisana, sidinga abantu abazinikezeleyo kunye naba nobuchule. Ukuba imibutho ifuna ukuzibandakanya okanye ukuxhasa olugwayimbo lwe rente oko kunganceda. Ukuba ubani ufuna ukuzibandakanya singakuvuyela oko.

Esikucelayo kukuba uzifundise ukuba kukuthini ukwenza ugwayimbo lwe rente, nokuba ungabandakanya njani abanye kolu gwayimbo, nokuba zithini iinketho zomthetho zakho khona ukuze ukwazi ukwenza esona sigqibo silungele wena nosapho lwakho kunye noluntu olukungqongileyo.

Enkosi.

rentstrikesouthafrica@protomail.com